Ikamva-Ukunonophela abantwana bethu

Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: Ummi wasemhlabeni-ummi waseZulwini

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 2 eisthi **Ummi wasemhlabeni-ummi waseZulwini**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam ndiyafuna Uku….)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelalana kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala ukufumana iinkcukacha ezongezeleleyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Ummi wasemhlabeni-ummi waseZulwini
Isifundo seBhayibhile	Daniyeli 3: 1-18; UMarko 12: 30-31; Izenzo 5: 29; ULuka 12: 32; 2 Timoti 1: 7; KwabaseRoma 8:15
Injongo yesifundo	Njengabemi basemhlabeni abaqinisekiswa bazamela oko kumkholisayo uThixo.

Isishwankathelo sesifundo:

- KuDaniel 3: 1-18 sifunda ngoShadraki, Meshaki no-Abhede-nego.
- Yayingamadoda ababalulekileyo eBhabheli.
- Babengabemi abagcina umthetho belizwe kodwa bala ukuthobela umthetho omnye; okokuba baqubude phambi komfanekiso wegolide kaKumkani uNebhukadenetsare.
- Njengamadoda amoyikayo uThixo ayengangafuni ukwaphula iMithetho kaThixo.

- Onke amazwe anemithetho kwaye ayanceda ukwenza ucwangco kubomi babemi.
- Njengabantwana bakaThixo, nathi siyayithobela imithetho yelizwe.

- Siyazi ukuba ikwakhona nemithetho kaThixo.
- Le iquka iMithetho Elishumi kunye nomthetho wothando (Marko 12: 30-31).

- IMithetho kunye nomthetho wothando ayyenzelwanga ukusithintela okanye ukusinqanda.
- Yenzelwe ukusinceda ukuba siphile kunye nomnye umntu, sibe yintsikelelo kuthi, kwaye senze ubomi banaphakade bube nakho ukwenzeka.

- NjengoShadraki, Meshaki no Abhede-nego kufuneka sithobele imithetho nemiyalelo kaThixo ngaphezu kunaleyo yomntu.
- Umpostile uPetros noYohane bavakalisa ngoYesu nangona babengavunyelwa ukuba benze njalo ziinkokheli zelizwe lakwa-Israyeli. Babewuthathela ingqalelo umsebenzi abawufumene kuYesu Krestu ngaphezulu kwemithetho nemiyalelo yeenkokheli zelizwe.

- Akunyanzelekanga ukuba soyike ukuba sithobela uThixo kunabantu.
- UThixo unamandla onke kwaye uya kusikhusela njengoko wakhusela uShadraki, uMeshaki no-Abhede-nego kwiziko elivutha umlilo emva kokuba babengafuni ukuthobela uKumkani uNebhukadenetsare.

- Imithetho kunye neemfundiso ezingamkholisiyo uThixo akufuneki zithintele eku:
  o gcineni imithetho nemigaqo kaThixo;
  o kholelweni kuThixo nakuNyana wakhe, uYesu Krestu;
  o thandeni uThixo nommelwane wethu;
  o mthandazeni kuThixo; kwanokuba,
  o sibe njengoMsindisi wethu ngakumbi nangakumbi, uYesu Krestu.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Isifundo sanamhlanje sisifundisa ukuba, njengabantwana bakaThixo, kufanele ukuba singabemi belizwe abathobela umthetho.
- Nangona kunjalo, simele sithathele ingqalelo imithetho nemigaqo kaThixo kunaleyo yabantu.
- Oku kubandakanywe kwiNqaku leshumi loKholo: Ndiyakholelwa ukuba ndinyanzelekile ukuba ndithobele abasemagunyeni behlabathi ukuba ayophulwa imithetho kaThixo.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Yayingoobani uShadraki, uMeshaki no-Abhede-nego?
   Impendulo: *Yayingamadoda ababalulekileyo eBhabheli ayehlonela imithetho kaThixo ngaphezu kwemithetho kaKumkani uNebhukadenetsare.*

2. Njengabantwana bakaThixo, ingaba kufuneka sithobele imithetho yelizwe?
   Impendulo: *Ewe. Kubalulekile, kuba singabemi abathobela umthetho welizwe.*

3. Ingaba kufanelekile ukuba singayithobeli imithetho kaThixo sikhethe imithetho yelizwe?
   Impendulo: *Hayi. Nangona kufuneka singabemi abathobela umthetho, imithetho kaThixo kufuneka ibaluleke ngakumbi kuthi.*

Umthandazo katata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthme

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen

Amabakala abalulekileyo